

# ULAWULO LWEZITSHABALALISI EZIVELA KWEZINYE IINDAWO: ULAWULO LWEENTETHE


## Imibuzo esoloko ibuzwa (FAQs)

**1. Imvelaphi**

- Ugqabhuko lweentethe ezimdaka ngebala nezigcwalise kwiindawo ezininzi neziquka i Karoo zifumaneka kumhlaba obalelwa kwiKilomitha ezingama 270 484 $km^2$ (macala omane).
- Obu bungakanani bomhlaba bulinganiswa ngokungange 32% kumhlaba wonke weRephabliki kuMzantsi Afrika.
- Iintethe zithanda ukutya ingca kunokutya emathyolweni.
- Noko kunjalo, xa oku kutya kuye kunqaba, ziye zifuduke ziye kuhlasela izityalo kwezinye iindawo ezinkcenkceshelwayo nezinje ngombona nengqolowa.



- Kumaxesha angaphambi komnyaka ka 1906, uluntu lwalusebenzisa amachiza kunye nezinye iindlela ezinje ngokuzinyathela, ukuzibhula, ukutshisa amadlelo nokugrumbela amaqanda ekulawuleni ukuxhaphaka okungamkelekanga kweentethe.




**2. Indlela ebubomi bentethe**

- Iintethe ziwabeka emhlabeni amaqanda azo.
- Iintethe ziyakwazi ukubeka amaqanda enokufikelela kuma 380 ngomnyaka.
- Xa iimeko zivuma, sifumene imvula entle nelinganiselwa ku 10mm kunye nokufudumana, amaqanda ayaqandusela zingaphelanga iiveki ezimbini okanye iintsuku ezili 10.
- Kwisigaba sokuqala sobomi, um'bala wentethe uba mnyama. Xa isobuza okwesibini nokwesithat, um'bala wentethe uyajika ube bomvu. Abantu abaninzi bazibiza ngokuba zii "Rooi-baadjies".
- Xa se isobuza okwesine nokokwesihlanu, intetha iyaqalisa ukubonisa ukumila kweempiko, kodwa lingekafiki ixesha lokuba ingabhabha.
- Zikhula ngokugqibeleleyo xa zikwisigaba sesithandathu ze zibe sezikwazi ukuzibhabhela.
- **Intethe ithatha iintsuku ezingama 78 ukuba ide ifikelele ekukhuleni okupheleleyo.**
- Phakathi kwesigaba 1-5, intethe isabizwa ngokuba sisinambuzane. Izinambuzane zilawuleka ngokulula nanjengokuba zingenakufane zifudukele kwezinye iindawo kuba zingekakwazi nokubhabha.
- Kulula ukuba ibubu leentethe esezikhulile zingafudukela kwiindawo-ngendawo ngokukhawuleza.




Last updated: May 2023



3. **Iindlela zokulawulwa kweentethe**
   - Ukutshiza emoyeni
   - Ukutshiza ngengxowa-exwaywe emqolo
   - Umatshini wokutshiza nodityaniselwe kwisithuthi

   **Eli Sebe linika abasisebenzela ngokwezivumelwano abane:**
   - Registered insecticides (ULV-Esfenvalerate (Pyrethriod) trading as Sumi-Alpha ULV/Powder & Decis (deltamethrin ULV) ULV – Ultra Low Volume).
   - Iimpahla zokhuseleko emsebenzini.
   - Izixhobo zomsebenzi wokutshiza.

   **QAPHELA: Kufuneka amagosa asebenza kulawulo lweentethe akwazi ukungena kuwo onke amakhaya okanye ezi fama, apha zithe zabonwa khona iintethe. Okwakaloku nje, lusathintelwe ulawulo lweentethe kwimiYezo Yezilwanyana kweli lizwe.**





4. **Zeziphi izitshabalalisi ezivumelekileyo emthethweni nezinokusetyenziswa kulawulo lokugcwala kweentethe?**
   - Ngena kwi webhusayithi yeSebe yeZolimo, kuBuyiselo Lomhlaba kuLuntu nguRhulumente noPhuhliso Lwasemaphandleni kuZwelonke: **(https://www.nda.agric.za/docs/locustpolicy/locust.htm)** ufumane umgaqo othi *"Policy for managing the locust problem in South Africa"* kunye noluhlu lwezitshabalalisi.

5. **Zintoni ekufuneka uziqaphele xa uzakutshizela ukulawula iintethe?**
   - Kuyinto elula kakhulu ukulawul iintethe xa se zobuze kane 4-5 zisobuza (izigaba zokukhula), xa zingekakwazi ukubhabha.
   - Sebenzisa abantu abavunyiweyo ngokusemthethweni ukuze bazise ulawulo. Funda umgaqo oyi "Policy for managing the locust problem in South Africa" ukuze ufumane uluhlu lwamayeza okubulala izitshabalalisi zokulawulwa kweentethe.
   - Sebenzisa amayeza okutshabalalisa ngokusengqiqweni efanelekileyo. Nceda uqaphele into yokuba kufuneka amafama asebenzise umlinganiselo obhaliweyo kuphela xa ezakutshiza kwindawo efikelelwa ngabantu.
   - Kufuneka ulithathele engqondweni icala elibheka umoya xa usaceba ukulawula ibubu leentethe ngokusebenzisa iyeza lokuzibulala.



Last updated: May 2023



## 6. Ukuxela njani ukuba ubone iinkumbi?

- **National Department of Agriculture, Land Reform and Rural Development:**
  Vuyokazi Jongwana, Tel: 053 631 3621, E-mail: vuyok@dalrrd.gov.za
- **Western Cape Department of Agriculture:**
  Xa uxela eyona ndawo ineentethe nokufumana iindlela zokuzilawula, nceda uqhakamshelane ne-ofisi yeSithili esikufutshane nawe kwiSebe leZolimo eNtshona Koloni.

| No. | Isithili | Umntu Onokuqhakamshelana naye | Idilesi | Inombolo Yomnxeba | i Email |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Central Karoo District | Ms Phyllis Pienaar | 1 Pieter Jacobs Avenue, Beaufort West, 6970 | 083 649 9306 | Phyllis.Pienaar@ Westerncape.gov.za |
| 2 | Garden Route District | Mr Hannes Muller | Main Building, Outeniqua Research Farm, Old Airport Road, George, 6530 | 044 803 3720 | Hannes.Muller@ Westerncape.gov.za |
| 3 | Overberg District | Mr Grant Jepthas | Old Albert Myburgh Hostel, Golf Street, Bredasdorp, 7280 | 028 425 4826 | Grant.Jephtas@ Westerncape.gov.za |
| 4 | Cape Winelands District | Mr Rudolph Roscher | Wellington Centre, Church Street, Wellington, 7655 | 021 808 7820 | Rudolph.Roscher@ Westerncape.gov.za |
| 5 | West Coast District | Mr Jan Smit | 42 Long Street, Moorreesburg, 7310 | 022 433 8902 | Jan.Smit@ westerncape.gov.za |







**Last updated: May 2023**